ISAZISO SOBURHULUMENTE BASEMAKHAYA

UMASIPALA WASENGQUSHWA

IMITHETHO YEDOLOPHU EPHATHELELE KUMASHISHINI ASEZITALATWENI

UManejala kaMasipala wenza upapasho, ngokuphathelele kwicandelo 13 lobuRhulumente basemaKhaya: Umthetho weNkqubo kaMasipala, 2000 (Umthetho onguNombolo 32 ka2000) funda kunye neCandelo 162 loMgaqo-Siseko weRiphabliki yaseMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho onguNo.108 ka1996); uMthetho weDolophu oPhathelele kuShishino eziTalatweni.

Iinjongo zalo Mthetho weDolophu

Injongo yalo mthetho wedolophu kuwisa umthetho ophathelele kumashishini asezitalatweni, ukuze kuxhamle uluntu oluhlala noluqhuba amashishini kwimida kamasipala ekumasipala.

1. **Inkcazelo** – Kulo mthetho wedolophu, amagama asetyenziswe kwisini samadoda kubandakanya abasetyhini, isinye sibandakanya isininzi kwangokunjalo kwaye, ngaphandle xa luikhona utshintsho –

   '**imvume'** eli gama lithetha okokuba umasipala uyavumelana naloo mba uphakanyisiweyo, eligama lithi "imvume" liza kuba nentsingiselo engqinelanayo;

   "**igosa eligunyazisiweyo**" kuthetha –

   (a) Igosa likamasipala elinikwe igunya ngumasipala, ukuba lilawule, lifezekise kwaye linyanzelise imithetho ekhutshwe ngumasipala yomthetho wedolophu;

   (b) Igosa lezendlela elonyulwe ngokuphathelele kwiCandelo 3A loMthetho wezoThutho weNdlela yeSizwe, 1996 (uMthetho No.93 ka1996);

   (c) Ilungu lenkonzo yezobupolisa, njengoko kuchaziwe ngokuphathelele kwiCandelo 1 loMthetho weNkozno yobuPolisa eMzantsi Afrika, 1995 (uMthetho onguNo.68 ka1995); okanye

   (d) Igosa loxolo, elichazwe ngokuphathelele kwiCandelo 334 loMthetho weNkqubo yezobuNdlobongela(uMthetho No.51 ka1977);

   '**ukutya**' eli gama lisingisele kuyo nayiphi na into, engaphandle kweziyobisi, njengoko kuchaziwe kuMthetho woLawulo lweziYobizi

nokuthutyelezisw akwazo, ka1992(uMthetho ongunombolo 140 ka1992), ukutya nesiselo esiqhelekileyo esityiwa ngabantu, ukutya nesiselo ezifanelekileyo ebantwini , eziveliswa okanye ezithengiselwa ukuba zityiwe ngabantu, nekwaye zibandakanya nayiphi na inxalenye yezinto ezisetyenziselwa ukutya okufanelekileyo

"**ipaki okanye isitiya**" kusingisele kwisitiya okanye ipaki apho abantu banelungelo lokuzisebenzisa

"**iimpahla**" kubhekiselele kuzo naziphi na izinto ezifana nempahl yendlu esetyenziswa ngabantu, kubandakanya nezinto eziphilayo

"**umdibaniso**" kubhekiselel kuso nasiphi na isiphambuka esisekuhlanganeni njengoko kuchazwe kumthetho omiswe ngokuphathelele kuMthetho wezoThutho weeNdlela zeSizwe, ka1996;

"**umgca wokwahlula**" kusingisele kuwo nawuphi na umgca njengoko kuchaziwe kwiCandelo 1 loMthetho woLawulo lweNdlela ka1996;

"**inkunkuma**" kubandakanya izingxobo, imigqomo okanye nayiphi na into, elahliweyo okanye engahoywanga, okanye eshiywe ngasemva numntu othengisa esitalatweni, okanye ngabantu abathenga kuye;

"**inqwelo-mafutha**" kusingisele kwimoto njengoko kuchaziwe kwiCandelo 1 loMthetho woLawulo lwezeNdlela, 1996;

"**iinkonzo zikamasipala**" kubhekiselele kuyo nayiphi na inkqubo esetyenziswa ngemvume kamasipala, ukuqokelela, ukuqhuba, ukucoca nokukalahlwa kwenkunkuma, ugutyulo okanye manzi esikhukula, ukuthinjwa, ukugcinwa, ukucocwa nokuziswa kwamanzi, umbane okanye nayiphi na inkonzo;

"**imisebenzi yenkonzo kamasipala**" kubhekiselele kuso nasiphi na isixhobo, imisebenzi nokokuba iloluphi na uhlobo eyimfuneko, elungele nayiphi na inkqubo akanye iinkonzo zikamasipala";

"**umasipala**" kusingisle kuMasipala waseNgqushwa, osekwe ngokuphathelele kwiCandelo 12 lobuRhulumente basemaKhaya: uMthetho wemiSebenzi kaMasipala, 1998(uMthetho 117 ka1998), kwaye ubandakanaya nawuphi na umbutho wezopolitiko, umsebenzi okwi-ofisis yeziopolitiko, uceba, isebe elinikwe igunya ngoko, kulungiselelwe nawuphi na umsebenzi osebenza ngokuphathelele kulo mthetho wedolophu ngokwegunya likamasipala nelimiselwe loo msebenzi ngumasipala;

"**uqulunqo**" kusingisele kumntu ozimiseleyo, amaxesha ngamaxesha,

ukuzisa isisombululo kumasipala;

"**isixhobo**" ngokuphathelele kumntu othengisa esitalatweni, kubhekiselele nayiphi na into, isingxobo, imoto, okanye isakhiwo esisetyenziselwa umsebenzi onjalo, kubandakanya nezixhobo ashishina ngazo;

"**izakhiwo zoluntu**" kusingisele kwisakhiwo esixhomekeke, okanye esihlala kuphela, nesisetyenziselwa imisebenzik kamasipala;

"**isakhiwo soluntu sesikhumbuzo**' kusingisele kuso nasiphi na isakhiwo esilungiselelwe uluntu njengoko kwiCandelo 2 loMthetho weMijelo yeSizwe yeMbali, 199, (uMthetho onguNo.25 ka1999);

"**iindawo zikawonke-wonke**" kusingisele kuyo nayiphi na indawo enjengepaki, amabala ezemidlalo, indawo enokusetyenziswa luluntu okanye ekwiciwangciso jikelel sikamasipala sokokuba isetyenziswe luluntu, sicwangciso eso siselugcinweni kunobhala wezakhiwo okanye kwi-Ofisi yoPhando-Jikelele ngeendawo, kwaye oko kulungiselelwe okokuba kusetyenziswe luluntu okanye ngabanini-zakhiwo nasezilokishini;

"**iindlela zoluntu**" kusingisele kwiindlela ezichazwe kwiCandelo 1 loMthetho wolawulo lweeNdlela zeSizwe, 1996;

"**indlela**" kusisngisele kwindlela njengoko kuchaziwe kwiCandelo 1 loMthetho woLawulo lweNdlela yeSIzwe, 1996;

"**ukuthengisa**" kubandakanya –

(a) Urhwebo, ukutshintshielana kunye nokuqesha

(b) Ukubonisa, ukwenza nokulungiselela intengiso;

(c) Ukugcina nokulondoloza kwindlela kwawonke-wonke ngeenjongo zokuthengisa; okanye

(d) Ukulungiselela inkonzo enembuyekezo;

Kunye "nentengiso" okanye "ukuthengisa" kunentsingiselo efanayo;

"**indlela esecaleni yokuhamba**" kusingisele kuyo nayiphi na indlela njengoko kuchazwe kwiCandelo 1 loMthetho woLawulo lweNdlela yeSizwe; 1996

"**ifenitshala esezitalatweni**" kusingiselel kuyo nayiphi na ifanitsahla efakelwe ngumasipala esitalatweni

"**umthengisi esitalatweni**" kusingisele kuye nawuphi na umntu othengisa esitalatweni kubandakanaya ushishino kunyenomntu oqeshiweyo ukuba athengsie esitalatweni

"**intengiso esitalatweni**" kusingisele kwintengiso yazo naziphi na izinto okanye izinto ezikhutshiweyo ukuba zithengiiswe ukuze kufumaneke inzuzo, kwindlela esesitalatweni, kwiindawo zoluntu ngumntu othengisayo;

"**uMthetho**" kusingisele kuMthetho wezoShishino, 1991 (uMthetho ongunombolo 71 ka1991, kubandakanya imithetho ekhusthsiweyo engaphantsi kolo lawulo; kwaye

"**kumngcele**" kusingisele kumngcele njengok kuchaziwe kwiCandelo 1 loMthetho woLawulo lwezeNdlela kwiSizwe, 1996;

2. **Intsingiselo yamagama kunye nenkcazelo ngokoMthetho wezoShishino oQulathwe kulo mthetho weDolophu**

Kuphela xa kuchazwe ngenye indlela, nawaphi na amagama, apho intsingiselo ikhutshiwe ngokoMthetho wezoShishino, 991 (uMthetho No.71 ka1991) uza kubanentsingiselo engqamene nayo kulo mthetho wedolophu.

3. **Umthetho omnye osingisele kurhwebo ezitalatweni**

Ngeenjongo zalo mtheto wedolophu, umthetho omnye wokuthengisa okanye wokulungiselela okanye wokuqhuba iinkonzo kwiindlela zoluntu kuza kuqulatha urhwebo ezitlatweni.

4. **Kubhekiselele kumthetho obandakanya imithetho ekhutshiweyo**

Ngeenjongo zalo mthetho wedolophu, kubhekiselel kuwo nawuphi na umthetho oza kubhekiselela kumetho lowo okhutshiweyo.

5. **Ukukhupha amagunya kumsebenzi wakwamasipala usiwa kumsebenzi wequmrhu elinikezela ngenkonzo , nalapho iqela elinikezela ngenkonzo lonyuliweyo**

Ukuba ulungiselelo naluphi olubekelwe lo mthetho wedolophu ubonisa uxanduva lukamasipala kumsebenzi wakwamasipala, kwaye uxanduva olo lunomsebezi, ngokuphathelele kwiCandelo 76(b) lobuRhulumente basemaKhaya; uMthetho weNkqubo kaMasipala, ka2000(uMthetho no.32 ka2000) okanye nawuphi na omnye umthetho, obekiweyo kumniki-nkonzo, ngoko ke ulungiselelo olo olunikwa loo msebenzi kufuneka lufundwe ukuze lubonakale

njengolukhutshwe ngumniki-nkonzo okanye umsebenzi ogunyazisiweyo womniki-nkonzo.

6. **Indlela yokuziphatha engavumelekanga**

(1) Akukho mntu oza kuqhuba ushishino esitalatweni –

(a) Kwindawo okanye kummandla kamasipala ngokuphathelele kwiCandelo 6A (2) 9(a) loMthetho njengendawo okanye ummandla apho ushishino ezitalatweni lungavumelekanga;

(b) Kwisitiya okanye kwipaki apho abantu banelungelo lokuhamba-hamba khona;

(c) Kumzila olungiselelwe

(i) kwisakhiwo esixhomekeke, okanye esihlala kuphela, umasipala okanye naliphi na izinga loburhulumente;

(ii) isakhiwo secawa, intente, igumbi okanye nayiphi na indlu yesikhungu okanye yokukhonzela;

(iii) isakhiwo esichazwe njengesesikhumbuzo soluntu;

(iv) umatshini wokutsala okanye wokukhupha imali webanki

(d) kwindawo ebangela uphazamiseko ngokuphathelele –

(i) kwisixhobo sokucima umlilo; okanye

(ii) isango lokungena, lokuphuma kwisakhiwo;

(e) kwindawo apho inako ukuphazamisana nezithuthi ezindleleni;

(f) kwindawo apho inako ukuphazamisana nabantu xa behamba ezindelelni, xa esebenzisa ipavumente yokuhamba

(g) kwisiqingtha secala lendlela elihlangene nesakhiwo esisetyenziselwa ukuhlala, ukuba umnini-sakhiwo unako ukusilawula, okanye nawuphi na umntu ohlala apho, kwaye isaziso esinjalo senziwa ligosa eligunyaziselwe ukwenza oko kulowo uthengisa esitalatweni;

(h) kwisitandi okanye nayiphi na indawo ephawuliweyo ngumasipala ngokuphathelele kwicandelo 6A(3)(b)

loMthetho, ukuba akanasiqinisekiso sokokuba uqeshise ngesitandi eso okanye loo ndawo athengisela kuyo kumasipala, nokokuba isitandi esinjalo sibekelwe yena ngumasipala; kwaye

(i) nakwindawo yokuhamba esecaleni kwisakhiwo nalapho ushishino lenzelwa khona nguye nawuphi na umntu othengisa izinto ezifanayo nalowo uthengisa esitalatweni ngaphandle kwemvume kamasipala, naxa igosa eligunyaziswe ngumasipala lingafumani siqinisekiso sokokuba loo mntu othengisa esitalatweni unemvume kamasipala.

(2) Umntu oqeshe isitandi okanye osinikwe ngumasipala, njengoko kuchaziwe kwicandelwana(1)(h), akanako ukurhweba esaphula umthetho kunye nemimiselo yengqesho leyo.

7. Ukuziphatha okungavunulekanga ngokusemthethweni

Umntu oqhuba ishishini esitalatweni-

(a) Akanakulala kuloo ndawo athengisela kuyo;

(b) Akanakwakha isakhiwo ngenjongo yokuhlala apho, ngaphandle kokuba asebenzise isakhiwo asinikwe ngemvume kamasipala;

(c) Akanakubeka nanye into esisakhiwo endleleni ehamba abantu, kuphela xa enemoto ayisebenzisayo okanye itreyila engazukuphazamisana nabahambi okanye neemoto ezihambayo kwaye abe usebenzisa loo ndawo ngokuhambisana kunye noMthetho woLawulo lweNdlela zeSizwe, 1996;

(d) Kufuneka aqinisekise okokuba isakhiwo sakhe -

(i) asisebenzisi ummandla wezothutho ezindleleni ebukhulu bungaphezulu kwezikwere zeemitha ezintandathu, kwanobude obungaphezulu kwesithathu ngaphandle kokuba kuvunywe ngumasipala

(ii) kwindlela ehamba abantu kushiywe into ezakuphazamisa ukuhamba kwabantu kunye neemoto, engaphantsi kwemitha enesiqingatha emlinganiselo ubekwe kwimida yesakhiwo esakhelwe lo msebenzi

(e) Akanakurhweba ecaleni lendlela apho ububanzi baloo ndlela bungaphantsi kweemitha ezintandathu;

(f) Akanubeka izinto zakhe ngendlela engabanobungozi kumntu okanye isakhiwo nto leyo inobungozu kuye nawuphi na umntu okanye isakhiw, okanye inganako ukonzakalisa umnu okanye yonakalise isakhiwo

(g) Akanakubonisa ngepahla ayithengisayo kwisakhiwo okanye endeleleni ngaphandle kwemvume yomhini-sakhwo olawulayo isakhiwo okanye indawo leyo

(h) Kufuneka, xa kwenziwe isicelo ligosa elilawulayo okanye ngumniki-nkonzo yonxibelelwano ngefoni okanye owombane, okanye ezinye iinkonzo zikamasipala, asuse izinto zakhe azithengisayo apho kuloo ndawo

(i) Akanakwayamisa nayiphi na into kwisakhiwo kwipavumente, kumthi, kwidawo yokupaka imoto kwipali yombane , eyefoni, kwibkosisi yeposi, kwisayini yezendlela, kunye nayiphi na into esendleleni.

(j) Akanakuqhuba ishishini elinjalo nangayiphi na indlela

(i) Enokuthi ibenokuphazamisa;

(ii) Ibenokonakalisa indawo leyo

(iii) ibenokuphazamisa iimoto ezindleleni okanye ibenobungozi kwezempilo

(k) Akanakubasa umlilo endleleni

(l) Akanakuphazamia abantu abahamba-hamba endleleni

(m) Akanakuphazamisa abantu abanqumlayo endleleni, abapaki beemoto okanye abothula imithwalo ezinqwelweni zabo.

(n) Akanakuphazamisa ukusetyenziswa kwefenitshala ezitalatweni okanye nayiphi na indawo elungiselelwe uluntu

(o) Akanakuphazamisana neesayini ezbekwe ezindleleni ngokoMthetho weNdlela ka1996;

(p) Umasipala xa abeke isayini ethwele imithetho yedolophu, kumele angabinakuphazamisana kunye nyo

(q) Xa egqibile ukuthengisa akanakubeka nayiphi na into okanye alahle nje into kwindawo leyo ekamasipala

(r) Akanakubeka okanye ashiye into yakhe ayisebenzisela ukuqhuba ushishinino lwakhe

(s) Xa egqibile ukuthengisa asuse izinto zakhe kwindawo kamasipala

(t) Akanakubeka izinto zakhe ecaleni kwethoyilethi, kwesitishi sebhasi okanye umthi

(u) Akanakuqhuba ishishini eliza kuphazamisana kunye nemithetho ebekwe masipala ezindlelni

8. **Ucoceko**

Umntu othengisa esitalatweni kumele

(a) abengogcina indawo leyo icocekile;

(b) agcine izinto zakhe zicocekile

(c) alahle izinto ezifuna ukulahlwa kwindawo emiselwe oko ngumasipala

(d) angalahli inkunkuma naphi na, njengakwindawo ezinemibhobho ethutha amanzi esikhukula, idreyini yamanzi

(e) aqinisekise okokuba emva kokuthengisa kwakhe, loo ndawo okany eso siza sicicekile

(f) athabathe amanyathelo aqatha okuqinisekisa okokuba indawo leyo ikumgangatho ofanelekileyo emva kosuku lwentengiso

(g) aqinisekise okokuba akuqhumi okanye akukho ngxolo ebangelwa lishishini lakhe okanye ungcoliseko lwamanzi

(h) xa igosa likamasipala licela okokuba asuse izinto zakhe ukuze indawo leyo icocwe, akwenze oko ngoko nangoko

9. Iisayini ezibonisa iindawo ezithintela ushishino ezitalatweni

(1) Umasipala anganako ukusebenzisa isisombululo ngokomthetho weCandelo6A(2) sabhengeze indawo engavumelekanga okokuba kuthengiselwe kuyo ukuze kungaphazmiseki ezi sayini, iimpawu -

(a) ezibonisa iiyure zeenkonzo ezithintela ukuthengisa ngamaxesha athile kwiindawo ezithile

(b) ukumiselwa kwemida kwiindawo ezithile

(c) nasiphi na isithinteli sentengiso ezitaltweni.

(2) Umasipala angaphawula indawo leyo ukubonisa ukuthinteleka kwentengiso kuyo kuloo mmandla

(3) Naluphi na uphawu olumisiweyo ngokuphathelele kumthetho wedolophu luza kuba sisaziso esipheleleyo malunga neendawo ezithintelekileyo ezingavumeli intengiso ezitalatweni

(4) Naluphi na uphawu lungalungiswa maxa onke lubekwe ngumasipala ukubonisa ngomthetho wedolophu olawula intengiso ezitalatweni, kwaye olu phawu lua kusebenza njengalo eloMthetho weNdlela yeSizwe, ka1996.

10. **Uqeshiso ngezitandi zokuthengisa ezitalatweni**

(1) Umasipala anganako ngokweCandelo 6(A) (3) (a) ukusebenza lo msebenzi

(a) aqeshise ngomhlaba lowo kuphela xa umnini-ndawo okanye sakhiwo evumela ukuba inani elithile labantu linganako ukuthengisa kuloo ndawo

(b) adwelise izitandi ezilungiselelwe umsebenzi wokuthengisa ezitalatweni okanye ulawulo lwalo msebenzi oluphantsi komasipala

(c) andise, anciphise izitandi zokuthengisela njengoko kuphawuliwe kwicandelo elingaphambili

(d) aqeshise okanye amisele indawo leyo elungiselela inmtengiso

(2) Naziphi na izitandi ezinjalo zingandiswa, zincitshiswe okanye ziqulunqwe ngokutsha ngokwesisombululo sikamasipala.

11. **Ukususwa nokuthinjwa**

(1) Igosa eligunyazisiweyo linako ukususa okanye lithimbe nayiphi na into esetyenziswa ngumntu othengisa esitalatweni

(a) xa ekrokrela okokuba isetyenziselwa, iinjongo zentengiso esitalatweni

(b) ifumaneka kwindawo apho intengiso esitalatweni ithintelwayo

(2) Ukususwa okanye ukuthinjwa kwento ngokwenqakwana kusenokwenzi nokuba impahla leyo iphantsi komnye umntu ngelo thuba.

(3) Nabanini ogunyaziswe ngokwenwakwana unako ukunikezela kumrhwebi lowo iristi yokususwa okanye ukuthinjwa kwempahla ngaphandle kokuba zishiywe zingenabani. Iristi mayibonise oku: -

(a) Into leyo emayisuswe okanye inthinjwe;

(b) Idilesi apho impahla yogcinwa khona nethuba elo;

(c) Mayibonise imeko nobume impaha leyo eyokukhuliulwa phantsi kwazo;

(d) Mayibonise imeko nobume uthengiso lwenpahla olwakuqhubeka ngayo.

(e) Makunikwe amagama nenkukacha zoqhaga mishelwano legosa elo, ixesha nomhla linokubonwa ngalo

(1) Xa kuzakuthinjwa impahla eyayamene nale inthinjwayo umnikazi mpahla lowo wovunyelwa ayisuse kungenjalo uyakufunyanwa enetyala.

(2) Xa ubani esala ukuyisusa impahla ekhankanye kwinqakwana naliphina igosa eligunyazisiwayo linokuthabatha amamyathelo okuyisusa lowo mpaphla.

12. **Uxanduva nomsebenze kaMasipala ngokunxulumene nokususwa nokuthinjwa kwempahla**

(a) Ngethuba igiosa eligunyazisiwe lisuza impahla kufanele liqinisekise ukuba impahla ayenzakali okanye ilahleke

(b) Umasipala akayi kufunyanwa enetyala lomonakalo othe wehla xa kususwa okanye kuthinjjwa impahla leya ngaphandle kokuba umonakalo ubangwe kukungabina nkathalo.

13. **Uxanduva logunyazisiweyo enze umsebenzi**

(a) Xa omele umrhwebi ethe wophula umthetho umrhwebi lowo omgubyazisileyo wofunyanwa anetyala.

(b) Ukuba uMrhwebi uthe wanika umyalelo awathotyelwa ngoqeshiweyo oko okukukhululi etyaleni.

14. **Amatyala neentlawulo**

(1) Nabanina othe –

(a) Wophula okanye akawulande umthetho;

(b) Akasilandelanga isaziso ngokomthetho;

(c) Akawuthobelanga umyalelo ngokweelomthetho;

(d) Ophazamisana negosa xa lenza umsebenzi walo

Lowo unetyala lolwaphulomthetho ngoko ufanele okohlwaywa intlawulo engedlulanga kwiR5000 ukuba akahlawulanga wotshutshiswa isithuba zenyanga ezintathu. Xa ethe waqhuba ukona wohlawuliswa iR50 usuku ngalunye.

(2) Isivumo setyala sohlawulwa ngulowo othe waphunyelwa ngumsila wengwe ngokwaphula umthetho kaMasipala ogunyaziswa yiCriminal Procejdure Act, 1997 (Act No.51 of 1997)

15. **Imigaqo**

(1) uMasipala unokwenza imigaqo ngokubhekiselele –

(a) ukusekwa nokuphunyezwa kwendawo enokunika ukhuseleko njengoko inkqaku 7(b) no (s) lisitsho;

(b) ukuphunuezwa kwendawo yokurhweba okanye ukungaluvumi urhwebo kulondawo ukwenza, imibhalo nezinto zorhwebo njengoko inkqaku 9 lifuna kwenziwe njalo;

(c) ukuqeshiswa kwendawo ngasesitalatweni nezitandi zorhwebo ngokwenkqaku u10.

(d) (i) Ukulahlwa kwempahla esusiweyo nethinjiweyo ngokwenkqaku u11;

(ii) uxanduva lwaye nabanina othe wadliwa imali ngenxa yotshutshiso;

(e) (i) ukunikwa kwntlawulo zokwaphula umthetho ngokubhaliweyo kwinkqaku 14(1);

(ii) ukukhutshwa komsila-wengwe ukuhlawula isivumo setyala ngokwenkqaku 14(2)

(iii) ukulungiswa kwamatyala neentlawulo kumathuba ngamathuba

(f) Nawuphina umeimbi onokuthi ubandakanywe phantsi kwalo mthetho.

(2) (a) uMasipala makenze isidul kubahlali ingedlulanga kwisithuba senyanga ngaphambi kokuba amisele umgaqongokonthetho Municipal Systems (Act No.32 of 2000), ebandakanya injongo kaMasipala yaye ecela iimbono zabantu.

(b) Ukuba uMasipala ugqbe ekuguquleni umgaqo ngenxa yembono zabantu akukho mfuneko yakubhekisa kuluntu ngokubanzi.

16. Ukurhoxisa umthetho wedolophu

Nawuphina umthetho wedolophu ophathelele kumashishini asezitalatweni owamkelweyo nguMasimapala okanye nayiphi iKansile kaMasipala equlathe icandelo lolawulo lukaMasipala, uza kurhoxiswa kususela kumhla lo mthetho obhengezwe ngawo**.**

17. ITayitile emfutshane

Lo mthetho wedolophu ubizwa ngokuba nguMthetho weDolophu oPhathelele kumashishini asezitalatweni, 2004, usebenza ngomhla ogqitywe nguMasipala ngokuchazwa kwiGazethi yePhondo.